## IPHEPHA LEMIYALELO NEENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isicatshulwa sokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA SOKUQONDA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B, uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

### ISICATSHULWA A

**UKUZAMA**

1 Ukuzama yimpilo yethu yemihla ngemihla. Sonke sizama impumelelo ngemigudu esithi siyenze sinethemba sakuphumelela ngayo. Yindlela esiphila ngayo le sonke ehlabathini. Ayikho into efunyanwa lula. Oku sikubona kusenzeka phambi kwethu yonke imihla. Sibabona abantu bexhabashile bambi bephangela ngethemba lokuba bakuphumelela ngenye imini. Abanye bafinyeze emifutshane imibhinqo bezama impumelelo ngokuziphilela. Maninzi amabali endithembayo umfundi ngamnye ukhe wanabali alibaliselwa ngumntu emxelela ngendlela awazama ngayo wayifumana impumelelo awayeyifuna.

2 Emakhaya emaXhoseni ubona lonke ixesha abantu bephathelela emasimini abo belima, behlakula bezicoca ngandlela zonke benethemba bakuzuza impumelelo ngemizamo yabo. Ezidolophini apho izinto zithengwa ngemali ingulowo umntu uzama ngandlela zonke ukufumana ukuphila ukuze abenako ukondla intsapho yakhe nesiqu sakhe. Kwizikhululo zeebhasi nakwiindawo ekunyakazela kuzo uya kufika kuphithizela bebaninzi abantu abathengisa izinto ezahlukeneyo nokutya. Abanye kwaba bathengisi bade ngengeniso yabo abayigcinayo bagqibele ngokuvula amashishini amakhulu. Abanye kwaba bantu bathi ngenxa yemizamo yabo babe nako ukufundisa abantwana babo. Mininzi kakhulu imizekelo esinayo umntu ngamnye engqondweni yakhe yabantu abazame baphumelela.

3 Apho kukho into entle ikwakho nembi. Kwaba bantu bazama ukuphumelela babakho nabazama impumelelo yabo ngokuphanga abantu, ukuqhekeza nangezinye iindlela ezihlupha ulonwabo lwabantu. Igqiza eliqhekezayo lithi lizama impumelelo. Bakho nabo abaphanga abantu emathafeni nakwiindawo ababalalela kuzo. Belifumene ixhoba bazincoma ukuba bazamile ngaloo mhla. Ukutya igazi labanye abantu akumsi ndawo umntu, kumbizela ukufa, amabhadi ukonzakala nokubanjwa. Ayinyaniso emsulwa amazwi abhekiswa ku-Adam no-Efa nguYehova mhla wabagxotha emyezweni wase-Edeni esithi baya kutya ukubila kwamabunzi abo. Wonke umntu ubila ibunzi ukuze afumane ukuphila kwakhe. Kufuneka ezamile nokokuba yena ucinga iimeko azimvumeli. Akukho mntu uphumelela kuphele ngokuphanga abanye abantu. Lowo usisisulu sokwenzakala, ukufa nentolongo.

4 Sikwanayo nemizekelo yokuzama nakwicala lemfundo. Apha sibona abantu abaninzi abathi baphumelele ngokuzama. Omnye uthi kuba waphuma esikolweni ngenxa yokungaphumeleli kwabazali bakhe ukumqhubela phambili emfundweni yakhe azibone sele sebenza. Esebenza njalo ukuba ungumntu onenjongo uzimisela ukuzama afunde nabucala. Zininzi izikolo apho kufunda khona abantu abadala. Ekhondoze kwezi zikolo angazibona sele fikelela kwiqondo lemfundo awayeyinqwenela baza abazali bakhe boyisakala ukumfundisela yona.

Elinye igatyana lomfana laswelekelwa ngunina emva kokuba liphumelele ibanga lesithoba. Esweleka nje unina uyise wayesele wasweleka kudala. Kwabanzima kulo mfana kuba unina lowo yayikukuphela komzali wakhe nomntu owayemfundisa. Akuba eswelekile unina wafuna umsebenzi wasebenza. Wazimisela akuba ezigqibe zonke iingxaki zakhe uza kuzifundisa bucala. Okunene wayenza loo nto iminyaka emininzi ezincame zonke iziyolo azibona zihanjwa ngabalingane bakhe. Wayenethemba lokuba ngenye imini uya kuze aphumelele kumzamo wakhe asifumane isidanga awayesinqwenela. Emva kweminyaka elishumi elinesihlanu emana ukuwa phantsi kwiimviwo zakhe, aphumelele kwezinye wada wasifumana isidanga sakhe seBA. Ngexesha wayefunda zazimxelela iintanga zakhe ukuba udlala ngexesha kwaye uhluphana nengqondo yakhe ngokufunda emdala. Ephumelele waye wafundisa kwizikolo ezininzi. Ekugqibeleni wonyulwa wangumhloli wezikolo.

5 Ukuzama oku asinto ilula. Uthi umntu ezama zibe zikho iziphazamiso ezifuna ukuxaba kuloo ndlela azikhethele yona. Omnye ude alahleke emke nomsinga ayincame into abeyizama. Apho intliziyo ayibeka khona umntu uyafikelela. Umntu lo xa esiya endaweni ethile uyazi kakuhle indlela ahamba ngayo. Ephuma endlwini akazi uza kuqubisana nantoni na apho endleleni. Unokuqubisana nemvula, ilanga eligqatsayo, isaqhwithi nezinye izimbo zemo yezulu eguquguqukayo. Injalo nendlela esiyihambayo.

6 Inye into efunekayo emntwini, lukholo nenzondelelo kwinto ayenzayo. Uthi omnye umntu ezama into ethile isuke yonakale esayizama njalo. Kwakwenzeka oku usuka aphele ithemba ngoko abonakale eyiyeka loo nto ebeyizama. Uyiyeka engazi nokokuba ibiseza kulunga. Ingaqale ilunge into iseza konakala kamva. Inye into efunekayo kumntu ngamnye kukuba azimisele kwinto ayenzayo enethemba kananjalo ukuba iya kuphumelela kamva.

7 Into ephazamisayo kukuba umntu lonke ixesha athembe ukuphumelela ngethamsanqa. Onjalo uthi lakungaphumeleli ithamsanqa asuke adakumbe, ayekelele ayeke nokuzama. Ziinzame zomntu ngamnye ezithi zimzisele impumelelo. Kungoko kufuneka umntu ngamnye azimisele kwinto ayenzayo. Ozamayo uyaphumelela.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *IMIBA YOBOMI*, ebhalwe ngu: MV Mabusela: amaphepha 92–94 saze sahlelwa]

## ISICATSHULWA B



[Ucatshulwe kwi-intanethi waze wahlelwa www.googlesearch.com]

## IMIBUZO: ISICATSHULWA A

1.1 Nzuzo ni efumaneka ngokuzama? (Umgca1–2) (2)

1.2 Caphula isivakalisi esibonisa ukuba ukusebenza nzima yinto yomntu wonke. (Umhlathi woku-1) (1)

1.3 Nika iimbono ezimbini zombhali malunga nendlela abantu abazama impumelelo ngayo. (Umgca 4–6) (2)

1.4 Zahluka njani iindlela abazuza ngazo impumelelo abantu basemaXhoseni nabasezidolophini? (Umgca 10–16) (2)

1.5 Inaluncedo luni kubathengisi ingeniso abayifumanayo? (Umgca 16–19) (1)

1.6 Veza icala elingalunganga lokufumana impumelelo. (Umgca 21–24) (1)

1.7 Zeziphi iziphumo zokufumana impumelelo ngokufunxa amandla abanye abantu? (Umgca 26–27)

(Nika nasiphi na isibini.) (2)

1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Isaci 'ukubila ibunzi' sithetha:

A Ubaleka amanzi.
B Ukusula ukubila.
C Ukusebenza nzima.
D Ukusebenza kakuhle. (1)

1.9 Kunafuthe lini ukusokola kwabazali kwimfundo yabantwana? (Umgca 34–36) (1)

1.10 Ufunde ntoni kule mpumelelelo yeli gatyana kuthethwa ngalo kumhlathi wesine? (2)

1.11 Utyhila ntoni umbhali ngokusebenzisa igama ukuxaba? (Umgca 55) (2)

1.12 Kukuthini ukumka nomsinga? Cacisa. (Umgca 55) (2)

1.13 Uyavumelana noluvo lombhali oluthi, 'Ingaqale ilunge into iseza konakala kamva'? Xhasa impendulo yakho. (Umgca wama-64–65) (2)

1.14 Yinyani okanye bubuxoki uluvo lombhali ngempumelelo kumhlathi wesi-7. Xhasa impendulo yakho. (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA B**

1.15 Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso? (2)

1.16 Mqondiso mni obonisa ukuba umntu onyuka intaba ufuna uncedo. (1)

1.17 Yintoni injongo yomzobi ngokusebenzisa umfanekiso obonakala unobungozi KWISICATSHULWA B. (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A no B**

1.18 Kwezi zicatshulwa zibini sesiphi esona siphuhlisa cacileyo injongo yombhali? Zathuza. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAMAZWI AKHO

ISICATSHULWA C sithetha ngokwenza intetho. Shwankathela esi sicatshulwa simalunga nokubaluleka kokwenza intetho esidlangalaleni nendlela yokuyilungiselela.

**QAPHELA:**

1. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma ezisiXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
2. Bhala umhlathi ongenaziphene usebenzise amazwi akho kangangoko unako.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C**

**UKWENZA INTETHO**

Kule mihla siphila kuyo kuye kuba yimfuneko ukuba senze intetho esidlangalaleni, sithanda singathandi. Zininzi iindawo aye umntu amenywe kuzo njengesithethi sembeko. Uninzi lwethu alungawo amaciko kodwa kuye kunyanzeleke ukuba senze intetho kubantu abangasiqhelanga nabalindele lukhulu kuthi okanye abangasazele ntweni. Khumbula ukuba bazibazile iindlebe, bathatha amanqaku yaye nawe bakunika amanqaku ukuba abawatsali.

Amaciko awaziwayo aye afumane ubunzima xa aye aqutyulwa ukuba athethe phambi kweemeko ezithile. Imbangi yaloo nto kukuba kwintetho nganye zintathu izinto ezibalulekileyo sisithethi, ngabaphulaphuli nodaba olo luza nesithethi. Siqhabalaka nje okanye sidwekesha nje isithethi, abantu abasiphulaphuleyo basibeka esikalini, bayasincoma, bayasigxeka, side siyokugqiba.

Ezinye izithethi zoyisakala zisaqala ukuwuvula umlomo. Nokuba sowuqutyulwe nceda musa ukumisa ngaloo nto. Uthethela ntoni ke ukuba oku kuqutyulwa kukuxakekisile? Yinto embi ukuqubula abantu ukuba bathethe kodwa kubi ngaphezulu ukuthi ebantwini mabangalindeli nto kuwe kuba uqutyulwe. Usachitha xesha ngani na ungayeki xa ungenanto yakuthetha.

Enye into ekhangelwa ngabantu yimbonakalo yesithethi. Sinomtsalane isithethi esinxibe ngokufanelekileyo. Loo nto ayithethi ukuthi isithethi masihombe sibe sisigcodololo, koko isinxibo sesithethi masilifanele elo theko yaye masisifanele nesithethi eso. Imo yesithethi yenye into ebaluleke kunene. Sithenjiwe ngabaphulaphuli isithethi esizithembileyo nesingekho manyonywana. Asinamtsalane isithethi esinesinyalimani nesizicingelayo, ke ngoko ukuzithemba kwakho makungakwenzi ubadluthulezise ngamazwi akho abo bakuphulaphuleyo.

Ukuphulaphula kuxhomekeka kubuchule besithethi. Intetho etyibilika kamnandi nengenamdintsi iyazitsala iingqondo zabaphulaphuli. Okwesibini isithethi ngasinye kufuneka siwazi umgangatho wabo bantu baza kusiphulaphula.

Intetho nganye ilungiselelwa abo bantu iza kwenziwa kubo.Ukuba intetho uyibhalile, yifundisise ekhaya. Loo nto iyanceda ukuze ukwazi ukubhekisa ebantwini xa seluyifunda, ungazifundeli.

Bubulumko ukuthetha ngombandela owaziyo, ngoko ukuba ucelwa ukuba wenze intetho ngomcimbi ongawuqondiyo zicelele uxolo. Nalowo uwaziyo wulungiselele kakuhle. Khumbula ukuba uza kuthetha kubantu abaqiqayo nabazaziyo ezinye izinto oza kuzithetha kodwa loo nto mayingakutyhafisi umxhelo.

[Sicatshulwe kwincwadi: *Ugeme*, ebhalwe ngu: HN Mjamba, amaphepha 25–26 saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: UKUHLALUTYA IINTENGISO

Funda le ntengiso (ISICATSHULWA D) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

### ISICATSHULWA D




[Sicatshulwe kwi-intanethi-www.google.com, saza sahlelwa]

3.1 Ngowuphi lo mzi mveliso udidiyela le mveliso? (1)

3.2 Ijoliswe koobani le ntengiso? (1)

3.3 Uphuhlisa ntoni umzobi ngokuveza izandla ezahlukeneyo kule ntengiso? (2)

3.4 Yintoni injongo yomthengisi ngokuzoba izandla ezininzi zibe yimbumba enkulu kunemveliso? (2)

3.5 Lunxulumana njani uphawu lwekhaka olusebhotileni kunye nomsebenzi wale mveliso? (2)

3.6 Isetyenziswa nini le mveliso ngabasebenzisi bayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA**

Funda ISICATSHULWA E uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA E: IKHATHUNI**




[Icatshulwe kwi-intanethi-www.google cartoon.com, yaza yahlelwa]

4.1 Nika izinto ezimbini ezibonisa ukuba akukho zinzo kule khathuni. (2)

4.2 Khetha isifaniso kwintetho eku-A. (1)

4.3 Khankanya izinto zibe MBINI ezibonisa umsindo kwinkangeleko yomntu ome ngaphambili oku-B. (2)

4.4 Nika isithethantonye sesifanekisozwi u'tu'. (1)

4.5 Uphawu olusentla kwentloko yentombazana eku-C luveza ntoni ngeengcinga zayo? (2)

4.6 Yintoni injongo yomzobi ngale khathuni? (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

Funda ISICATSHULWA F, esineempazamo ezithile ezenziwa ngenjongo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

### UKUHLEKA NOKUZIHLEKA

1 Ukuhleka sisiphiwo esadalwa kunye nomntu, ukuze abe nakho ukuzikhulula kwiimeko ezibuhlungu, ezilusizi okanye ezingathwaleki iimeko awayekuzo wabhenela ekuhlekeni kusasa, kwayintlazane ehleka, yaqina imini ehleka; anaba amathunzi okuhlwa esahleka. Yaba sisiqalo sokuphambana kwakhe eso.

2 Ukuhleka kosana lolona hlobo lokuqala lokuhleka ekudalweni komntu, kwaye luxela ukuba luphilile, lonwabile, luyayithanda into yokubona abantu kweli lizwe litsha lufike kulo. Oku kukuhleka okunyulu, okungcwele, othi okuqwalaseleyo, wacinga ngako abe ngathi sel'efikile kwimida yezulu. Usana nokuba lolwaluphina uhlanga nokuba lolotshaba lwakho olukhulu, soloko luthandeka kumntu oneengqondo zakhe ezipheleleyo. Umntu ophakamisa isandla sakhe atyumze usana akafanele kuphila.

3 Zikho nezinye iintlobo zokuhleka, kodwa kokwam ukucinga ubuninzi bazo busuka kukuzikhulula kwiimeko ezibuhlungu, ezilusizi nezingathwalekiyo. Khangela xa ufuna ukuphelisa ukudinwa okanye isithukuthezi; xa ufuna ukuphelisa imfaninye edikayo yobom, usuka ufune into ehlekisayo, nokuba ngumntu; nokuba yincwadi, nokuba ngumfanekiso bhanya-bhanya. Ithi nokuba indoda seyindala ikhe ngale mizuzu ibuyele ebuntwaneni, ihleke ukulinganiswa kokuhamba kwenkawu; okanye ukukrazuka kwebhulukhwe engamlinganiyo umniniyo noxa eyithanda yena.

[Sicatshulwe kwincwadi *KHAWUFAN'UCINGE*, ebhalwe ngu: GS Budaza, iphepha-19, saza sahlelwa]

5.1 Siphuhlisa eyiphi intsingiselo isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kweli binzana lingezantsi?

'Ukuhleka sisiphiwo esadalwa kunye nomntu, ukuze abe nakho ukuzikhulula kwiimeko ezibuhlungu' (Umgca 1–2) (1)

5.2 Asetyenziselwe ntoni amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwibinzana elingezantsi.

'... ekuhlekeni kusasa, kwayintlazane ehleka, yaqina imini ehleka; anaba amathunzi okuhlwa esahleka.' (Umgca 3–4) (1)

5.3 Lithetha ukuthini ibinzana elibhalwe ngqindilili?

'... anaba amathunzi okuhlwa ...' (Umgca 4) (1)

5.4 Lungisa isiphene kweli binzana lilandelayo.

'Usana nokuba lolwaluphina uhlanga nokuba lolotshaba lwakho olukhulu ...' (Umgca 10) (1)

5.5 Bhala eli binzana lilandelayo libe kwixesha eliya kuza.

'Umntu ophakamisa isandla sakhe ...' (Umgca 11–12) (1)

5.6 Bhala ingxelo ntetho yebinzana elilandelayo. Qala ngolu hlobo:
Umbhali uthe ...

'Zikho nezinye iintlobo zokuhleka, kodwa kokwam ukucinga ubuninzi bazo busuka kukuzikhulula kwiimeko ezibuhlungu, ezilusizi nezingathwalekiyo.' (Umgca 13–14) (1)

5.7 Sebenzisa izenzi ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kwibinzana elilandelayo libhekise kwisininzi.

'<u>Khangela</u> xa <u>ufuna</u> ukuphelisa ukudinwa okanye isithukuthezi; ...' (Umgca 15) (2)

5.8 Bhala eli binzana lilandelayo libe kwimo elandulayo ugxile kumagama akrwelelwe umgca ngaphantsi.

'... <u>ukukrazuka</u> kwebhulukhwe engamlinganiyo umniniyo noxa <u>eyithanda</u> yena.' (Umgca 19–20) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**